I Mbongi yesizwe jikelele: *Umteteli wa Bantu* (15 February 1936), page 14

**"A, Zweliyazuza!" King Edward VIII**

Asin' ededelana kakade!
Asin' ededelana.
Yinto yaloo nto lonto.—
Yint' ifana nezinye.
A, Zweliyazuza! A, Zweliyazuza!!

Mthwesen' ubukulu bakokwabo,—
Mthweseni ngendyebo ngendyebo;
Mthweseni ngelanga nangenyanga;
Zingaze zimtshonel' ezonto;
A, Zweliyazuza! A, Zweliyazuza!!

Mthweseni ngezithethe zoyise;
Mthweseni ngokuzola noxolo;
Mthweseni ngentabalala yezizwe,—
Abe nentlang' ezingenakubalwa.
A, Zweliyazuza! A, Zweliyazuza!!

Ufike xa kanye lizuzayo,
Lizibhija ngokomfaz' ozalayo;
Ufike kanye ngexesha lakhe,
Ngu Zweliyazuz' igama lakhe.
A, Zweliyazuza! A, Zweliyazuza!!

Asin' ededelana mfo kabawo,
Ahluthan' intlak' emilonyeni.
Zizingqi nezagwelo kuphela,
Ihlabathi liyazungulezwa.
A, Zweliyazuza! A, Zweliyazuza!!

Yadlul' iNgangalala yezizwe,
Yakwelel' eny' iNgangamsha yentlanga
Ke sayiphakel' inkobe nemiphothulo,—

Yayingumf’ omnandi kakhulu ke wena.
A, Zweliyazuza! A, Zweliyazuza!!
Mbongen’ u Langa Liyakanya;
Nkab’ ezingqukuva zaba Thembu;
Nqwel’ Emhlope yehlummang’ onkone,
Watet’ ityal’ elikul’ e Diyala.
A, Zweliyazuza! A, Zweliyazuza!!

Makube luxol’ e Bilitani,—
Eli lizwi maliqheleke.
Makube licamag’ elihle,
Kube chosi kube hele.
Hamba kamnandi nkosi yam!
A, Zweliyazuza! A, Zweliyazuza!!